



INkqubo engeNtathoxaxheba yoLuntu ejoliswe kuPhengululo lweMigaqo eluYilo ngokuHlangeneyo yeeKomiti zeWadi

ISixeko saseKapa sihlaba ikhwelo kubahlali, kumalungu ekomiti zewadi, ooceba, imibutho yoluntu, kwabachaphazelekayo nakumaqela anomdla ukuba bathabathe inxaxheba kuphengululo loluntu olujoliswe **kwiMigaqo eluYilo engokuHlangeneyo ejoliswe kwiiKomiti zeWadi** ukususela ngowo**1 kweyeDwarha (Okthobha) ukuya kowama31 kweyeDwarha (Okthobha) 2026**.

IiKomiti zeeWadi zidlala indima ebalulekileyo ngokujoliswe ekuqiniseni ngothethathethwano phakathi koluntu neSixeko, ukukhuthaza intathoxaxheba yoluntu, nokuxhasa ulawulo olundilisekileyo lommandla. Ukuze kuphuchulwe ukusebenza kwezi zakheko, ISixeko sithe saphengulula imigaqo yakutshanje kwaye salungisa uyilo oluhlanganisiweyo kulungiselwa inkqubo engovakaliso luvo loluntu.

Olu phengululo lujoliswe:

- Ekuhlanganisweni kwemigaqo ekhoyo ukuba ibesisakheko esinye.
- Ekuphuculeni ukucaca, ukungaguquguquki, kunye nokuthatha uxanduva.
- Ekuxeleni imingeni kunye nezikhewu kwinkqubo yokusebenza.
- Ekuqiniseni ulawulo, ukungafihli nto, kunye nenkqubo engokubek'iliso.
- Ekuphuculeni ukusebenza kakuhle kweeKomiti zeeWadi.
- Ekulungelelaniseni imigaqo nemithetho efanelekileyo, imigaqonkqubo, kunye neendlela ezingcono kakhulu zokusebenza.

Inkqubo engentathoxaxheba yoluntu izakuquka ukupapashwa kwemigaqo eluyilo, ukubandakanya abachaphazelekayo ngokuthi kusetyenziswe amaBhungana, nokungeniswa kwezimvo ezibhaliweyo kunye nezindululo. Zonke izimvo ezifunyenweyo ziza kuthi zithathelwe ingqalelo phambi kokuba imigaqo iququnjelwe kwaye ingeniswe ukuze yamkelwe.

ISixeko sikhuthaza bonke abo banomdla kunye namaqela achaphazelekayo ukuba bathabathe inxaxheba kwaye bancedise kwisakheko esingolawulo esikhuthaza ukuthatha uxanduva, ukubandakanyeka koluntu okunentsingiselo, kunye nentsebenziswano esebenzayo phakathi kweSixeko kunye neendawo zokuhlala zaso.